# *U-Eliya Kunye Nomgubo Womnikelo*

Owu, ingaba oko akuyo nyani! "Nkosi, ndiyamkela." Ukwamkela ntoni? Sonke isithembiso eso Asenzileyo, sesam.

2 Ngoku, ngaphambi kokuba sihlale, masithobiseni iintloko zethu okomzuzwana ukuze ndingalibali ukuthandaza phezu kwezi tshefu zilapha.

3 Nkosi yethu, siyabulela kuWe ngobu busuku ngeengoma zaseZiyoni, ngenxa yeVangeli yakudala leyo ihlambulula iintliziyo zethu zisuke ebubini, kwaye, ngenxa, yezona zithembiso zobabalo eBhayibhileni zezethu. Ngokholo siyazamkela. Kwaye siyazi ukuba uThixo akamkhethi wabuso bamntu. Kwaye kwisizukulwana eso uPawulosi awayephila kuso, abantu…abaninzi kakhulu babegula. Bazisa kuye iitshefu, imibhinqo, ukuze azibeke emzimbeni wakhe, kwaye ngoko zithatyathwe ukusuka emzimbeni wakhe ukuya kwabagulayo nabaxhwalekileyo. Kwaye iZibhalo zisixelela ukuba oomoya abangcolileyo baphuma ebantwini kwaye iinxwaleko zabashiya ngenxa yokukholwa kwabo kwiNkosi uYesu. Thixo, uPawulos uhambile phantse isithuba seminyaka engamawa amabini, ukuya kungena kuBukho Bakho. Eso sizukulwana sadlula kunye naye, kodwa UnguThixo waso sonke isizukulwana. Ngoku abantu, ngobu busuku, bakholiwe kuWe kwaye sinikela kuWe, ngobu busuku, ezi tshefu kunye neepasile ezincinci zeempahla, kwaye sikholwa ngentliziyo yethu yonke ukuba Uya kuphendula umthandazo wethu kwaye baya kuphiliswa. Siphe oko, Nkosi. Sizithumela kubo ukwenzela uzuko lukaThixo, eGameni likaYesu, uNyana Wakhe. Amen.

4 Ningahlala. Kwaye abo ababeke ezi phezulu bangeza bazithabathe nje ngoko nangoko emva kokuvalwa kwenkonzo.

5 Ndivuya kakhulu ngobu busuku. Bendiphandle ukunqumleza intaba phaya namhlanje nje kwakamsinyane ndakuba ndilugqibile udliwanondlebe olo ebendimelwe kukuba nalo, ndaza ndaya ngaphaya ukuya kuthandaza. Kwaye ngalo lonke ixesha ndingena kweli langa lasentlango lindenza ndifune ukubuya ngakumbi. Kodwa inye into leyo endinovuyo malunga nayo ngobu busuku, inkosikazi yam… kangangoko nje sithe saba kunye, kwaye uyibonile imibono emikhulu kaThixo ibonakalaliswa yaza yenzeka. Waye sezantsi emlanjeni ngaloo mini eJeffersonville xana iNgelosi yeNkosi yenza ukubonakala kwaYo kokuqala, yathatyathwa kwi-

Associated Press ukunqumleza ilizwe. Ibiyi. . .yayingowe-1933. Wayemi phaya, kodwa waliva iZwi kodwa akazange akubone ukuKhanya. Apho, nkqu nabafoti bephephandaba bakubona ukuKhanya. Kodwa waye selula kakhulu ngoko, kwaye malunga neshumi elinesibini leminyaka ubudala, kwaye akazange akubone ukuKhanya. Waye khangele abantu, abaninzi babesifa isiqaqa. Kwaye yahlala nje phaya malunga nomzuzu omnye yaza ngoko yabuyela kanye ngqo esibhakabhakeni kwakhona. Kwaye amaphephandaba abeka inqaku elikhulu, "Ukukhanya okuNgumnqa kuye kwavela ngaphezu—ngaphezu komlungiseleli womBhaptizi wasekuhlaleni ngelithuba abhaptizayo." Yahamba yonke indlela ukuya kungena eCanada, yafika kwabeendaba baseCanada.

6 Kwaye malunga neminyaka emithathu okanye emine eyadlulayo, xana ndandise Phoenix okokugqibela, ndiyakholwa ukuba yayinguMzalwana uJack Moore owaye nam, olo luhlobo loku. . .Inkosikazi yam iyoyika kakhulu. Kwaye ke wayibizela eqongeni, ngokungalindelekanga, kwaye yaphantse yafa isiqaqa. Kwaye yeza emveni kokuba sele ndifikile eqongeni, kwaye intambiso yayiphaya ukwenzela inkonzo yempiliso. Kwaye, yathi, kokokuqala yakha yaba kobo buBukho phaya ngolo hlobo. Kwaye, ubusuku obungaphambi kobokugqibela, yaMbona eqongeni, okokuqala yakha yaMbona, xana Yayilapha imi eqongeni. Kwaye xana ndahlangana nayo ngaphandle yona. . .iinyembezi zazisemehlweni ayo, yaza yathi, "Billy, kokokuqala ebomini bam, ndiYibonile." Yathi, "Ndi. . . wawuthandazela umfazi, kwaye" yathi "NdiYibone isiza kanye phambi kwakhe yaza yema phaya nje okwemizuzwana embalwa, yajikeleza apho wawukhona. Kwaye ngoko, nje kwakamsinyane wakuba uyekile ukuthetha, Yahamba." Ke ndiyavuya ngenxa yoko, ukuba Iye yeza phambi kwamehlo akhe. Yabona, elaa nenekazi lincinci linokuninzi ekufuneka lidlule kuko, kwaye ke ndiyavuya kwaye ndonwabile ngenxa yoko.

7 Ngoku, ngomso ebusuku yinkonzo yempiliso. Uyazi, besisithi kule veki iinkonzo zempiliso ziya kuza ngoLwesihlanu ebusuku. Ngoku, yizani ngomso emva kwemini okanye—okanye kwangoko ngorhatya, malunga nentsimbi yesithandathu entloko, ukuze ningayiphazamisi inkonzo iphela. Kwaye uBilly, uLeo, uGene nabanye, baya kuba lapha kunye namakhadi omthandazo, ukuze baninike ikhadi lomthandazo. Kuxana siya kuzisa abantu eqongeni kwaye sibathandazele. Ngoku sinjalo. . .Ndingu. . .Kufuneka ukuba ndiqhube imihlangano yaseMelika ngendlela abantu abaye bafundiswa ngayo, ukubekwa kwezandla. Ngoku, eso—eso siSibhalo, kodwa eso sisithethe samaYuda. Oko ayikuko okweeNtlanga, kodwa iiNtlanga zikuqhubela phambili. INtlanga yayi, "Andifanelekanga ukuba Uze phantsi kophahla lwam, thetha

nje iLizwi kwaye isicaka sam siya kuphila." Kunjalo oko. Kodwa umYuda, "Yiza ubeke izandla Zakho phezu kwentombi yam kwaye iya kuphila." Yabona, eso yayisisithethe sawo, yayingesiso eseeNtlanga.

8 Ubusuku emva kobusuku, kunye neyure emva kweyure, imini nobusuku, uMoya oyiNgcwele ufika, utyhila, uhamba esakhiweni, uthetha iimfihlo zeentliziyo. Niya wubona ngalo lonke ixesha. Oko kukunazisa ukuba uBukho beNkosi bulapha. Ngoku, ukuba nje niya kubaBamnkela, niya kuphiliswa kanye ngoko. Kuba yonke impiliso leyo owakha wayenzelwa, sele igqityiwe, ibikho kumakhulu alishumi elinethoba leminyaka. Lonke usindiso olo owakha walwamkela, besele luhlawulelwe kakade, lolwakho nje ukuba ulwamkele. Besele lukho kumakhulu alishumi elinethoba leminyaka, okanye ngaphezulu, okoko lwaba lusindiso kuwe. Kodwa ngoku niyandiqaphela kwimihlangano, ndithi, "Ingaba kuya kukwenza ukuba ukholwe?" Yabona, imiqondiso nezimanga ayizizo ezempiliso okanye usindiso, kodwa kukwenza abantu baqaphele kwaye baqonde ukuba uBukho bukaThixo bulapha. Emva koko Yena . . . ukuba Yena . . . Buya kuba njani, bungummangaliso ongakumbi. Ngokulula nje ngoku siqalisa ukubona imimangaliso.

9 Ngoku xana kufikwa emntwini, kuye kwabakho abaliqela babo abaye baphakama kwiibhedi zabagulayo nezitulo ezinamavili nezinto, baza baphuma. Lowo Akungommangaliso ngokuchanekileyo. Hayi. Yabona, nkqu neNzululwazi yobuKristu inako oko. Kusenokuba yi—yi—yimeko yengqondo leyo inokuba . . . iguqule indlela yakho yokucinga. Ngoku, asikholelwa ukuba yayinjalo, ngokuba ndiya kholwa ukuba yayilukholo. Kodwa nangoko . . .

10 Ndandise La Salle, eLorraine, eFransi. Ndandise Paris. Kwaye ndaya ezantsi kwindawo apho babenomfazi ofileyo elele phaya, waye engcwatyiwe. Kwaye bakhuhla ilitye phaya, baze abantu bangena phaya neziqhwala, iintonga zokuhamba, baze bazibeka phantsi kwaye bahamba, ngokukhuhla olwaa lwalwa phezu kwaloo mfazi ufileyo. Yabona, ufile, kwaye akanako kwakho ukuthethelela kunokuba . . . Kukho kuphela omnye uMlamli phakathi koThixo nabantu, kwaye lowo nguKristu Yesu. Ndiphuma kusapho lwamaKatolika, ndi—ndiyazi ukuba bakholelwa e—ebantwini abo abafayo, ukuba leyo yimimoya yabo iya bathethelela; eyahlukeneyo, eminye kwezopolitiko kwaye eminye kwezinye izinto. Kum, kukusebenzelana nemimoya. Andenzakalisi zimvakalelo zenu, ndiya themba, kodwa kufuneka ndinyaniseke. Yabona, nantoni na engxengxezela abafileyo kukusebenzelana nemimoya.

Bandibuza oko eMexico, kwaye bathi, "Kuthini malunga noYesu?"

11 Ndathi, "Akafanga. Wabuya wavuka kwakhona, Uyaphila ngonaphakade." Yabona? Akafanga, Ungophilayo. Abanye babo bonke badlulele ngaphaya, ntoleyo, iSibhalo siyithethayo ukuba "Abo baphaya abanakuza apha, kwaye naba balapha abanakuya phaya." Akukho mntu owakha wawela okanye uya kuze awele. Ke oko kuya yigqiba ukuba u . . . UYesu watsho njalo.

12 Kodwa sizifumana ezi zinto zisebenza. Ke ngoku kwaye busuku ngabunye uMoya oyiNgcwele uzama ukuzisa kuni uBukho boBuqu Bakhe apha, hayi ubukho bomntu. Umntu kuphela unokuzithoba, ngesipho usenokuzithoba kummango othile woMoya lowo unokuvulela uThixo kuni. Kodwa ayisokuze isebenze de ube wena ngokwakho uyayikholelwa kwaye uyamkele, ize ngoko isebenze. Yabona, ukuba beniya kuhlala phaya kwaye elowo—elowo kuni abe engakholelwa, engakholelwa kwaLizwi laYo, ibingenakuze isebenze.

13 UYesu, xana Waya kwabangabakoWabo, ilizwe lakoWabo, imisebenzi emininzi yamandla Akabanga nako ukuyenza ngenxa yokungakholwa kwabo. Kwaye ukuba Waye ngenakuyenza ngoko, Akanakuyenza ngoku, ngenxa yokungakholwa. Yabona, lukholo lwakho.

14 Ke ithabatha wena kunye nam, kunye noMoya oyiNgcwele, ukuphumeza ezi zinto; ukundenza ndivuye, ukukwenza uvuye, ukuba uThixo ulapha lowo uligcinayo iLizwi Lakhe.

15 Kodwa xana uMoya oyiNgcwele unokuza emhlanganweni, kuzalisekisa ngokuchanekileyo ukuya kwiSibhalo oko Awathi kuyakwenzeka ngemihla yokugqibela, aze aphumele ngaphaya esihlweleni njengokuba Wenzayo xana Waye lapha, aze acalule kwa iimfihlo zentliziyo, kwaye iingcinga kunye nezicamango zentliziyo kunye nengqondo, angathini nabani na ukuthandabuza? Yabona, kukho ummangaliso ogqibeleleyo, ongaphezulu kommangaliso kunesiqhwala esihambayo, kuba akunakwenzeka ukuba oko kwenzeke ngaphandle kwamandla okomoya. Kufuneka ukuba kube ngamandla okomoya ukwenza oko. Ke, kwaye ngoko uyabona nje ngokuchanekileyo loo nto iBhayibhile eyayithembisayo kunye naloo nto abayikho- . . . loo nto esiyikholwayo. Ingummangaliso ngakumbi kunokukhwaza. Yabona, ngummangaliso ngakumbi kunokuthetha ngeelwimi. UPawulos watsho njalo. Nkqu nezoqobo izibabalo zoMoya oyiNgcwele zokuthetha ngeelwimi, ngummangaliso ngakumbi kunoko. Sikummangaliso wokugqibela. Uxelwe kwangaphambili ngaloo ndlela ngeBhayibhile.

16 Ke, ngobu busuku, akunyanzelekanga ukuba ulinde kude kube ngomso ebusuku ukuba uze udlule emgceni ukuze ubekwe izandla. Ngoku, ukubekwa izandla akusayi kwenza ngaphezulu kunocalula iingcingane zentliziyo; hayi kangako, kum. Ngoko ungayamkela nje, bambelela kuyo, yeyakho. Kwaye uyikholwe ngentliziyo yakho yonke.

17 Kodwa ngomso ebusuku, ukuba wena. . . ISibhalo sithi, "Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayele ivangeli kuyo yonke indalo; le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo." Yonke imiqondiso; kwaye ngoko, ekugqibeleni, Wathi, "Ukuba bathe babeka izandla zabo kwabagulayo, baya kuphila." Leyo yinyani. "Leyo iya. . ." I. . . Leyo iya kulandela amakholwa. Kulungile. Ngoku, si—singamakholwa, ke, ngaloo ndlela, sinobusuku emva kobusuku bokubeka izandla kwabagulayo, kwaye uThixo usebenze imimangaliso emikhulu kunye nabo. Siye saba nemimangaliso emikhulu ngokuthandazela iitshefu. Siye saba nemimangaliso emikhulu ngokucalula iingcingane zentliziyo. Yabona, yonke lonto kunye, isebenzela eluzukweni lukaThixo. Akuyonto yamntu, akuyo yabandla, yeyozuko lukaThixo. Uzuko lukaThixo!

18 Ngoku, phambi kokuba sivule iLizwi ngoku lasebusuku. . . Owu, singawatyhilela emva amaphepha ngolu *hlobo,* kodwa uThixo umelwe kukuba aLivule; kuba iSibhalo asisosakuzitolikela, kodwa uMoya oyiNgcwele lowo owabhala iSibhalo uyiToliki yaso. Ke makhe sithobiseni iintloko zethu ngoku ngelithuba sithandazayo. Kwaye bangaphi abangathanda ukukhunjulwa emthandazweni, ubungasenza nje ukuba saziwe ngezandla zakho ziphakanyisiwe, nokuba siyintoni na? Owu Thixo, khangela. Sonke siswele, asinjalo na? Ndiswele, nam, zihlobo. Ndiphakamise izandla zam.

19 Bawo waseZulwini, ngokuzithoba nangokuzola nangentlonipho siza kuBukho Bakho obukhulu obubekekileyo, sisazi, phambi kokuba into enye yenzeke, Ulapha ngokuba Wathembisa ukuba uya kubakho. Wathi, ngaphambi kokuba Uhambe, "Naphi na apho ababini okanye abathathu behlanganisene khona eGameni laM, phaya ndiya kubakho phakathi kwabo. Kwaye ukuba bayakuvumelana nangantoni na enye, malunga nento enye, bacela, baya kwamkela." Nkosi, ukuzisa idinga Lakho koku, ukuhlawula kweGazi Lakho, ndiyacela ukuba yonke indoda, umfazi, okanye umntwana, abo abaphakamise izandla zabo ngobubusuku, Uyayazi intliziyo yabo, banga bangamkela loo nto bayicelayo. Siphe oko, Nkosi.

20 Singabantu abasweleyo. Sihamba kwihlabathi elimnyama, kunye notshaba olukhulu Lwakho, ukuba, besingenako ukulwa naye konke konke ukuba bekungenguye uMoya Wakho oyiNgcwele. Ke ngoko siyathemba, sikholwa, kwaye sisenza ngokholo, ukuba Uya kuhamba phambi kwethu kwaye ayenze indlela icace. Mininzi imingxunya endleleni, emiselwe iinyawo zethu ezidiniweyo, kodwa sizama ukulandela imizila yeenyawo ezineGazi zaLowo woyisa ukufa, isihogo, kunye nengcwaba.

21 Sikhokele, ngobu busuku, ngoMoya Wakho oyiNgcwele, Nkosi, kuMazwi amelwe kukuthethwa, ngoko khokela aMazwi ukuya entliziyweni leyo iWasweleyo. Ngoko, Nkosi, yanga ekupheleni komhlangano, kwaye siqalisa ukuya emakhayeni

ethu ahlukeneyo, yanga singa nako ukuthi kwakhona, njengabo ababevela e-Emawusi, "Intliziyo zethu bezingavuthi na ngaphakathi kwethu njengokuba Ubethetha nathi endleleni?" Kuba sikucela oko eGameni likaYesu, nangenxa Yakhe. Amen.

22 Kuni nina abazigcinayo phantsi iZibhalo, tyhilani kunye nam ngoku kwincwadi yokuQala yooKumkani. Ndinqwenela ukufunda inxalenye ngokuphuma kumqolo we-17. . . Isahluko se-17, gxebe, kwaye ndiya kuqalisa kumqolo we-14. Fundani i-14, i-15 kunye nemiqolo ye-16 sesahluko se-17 sooKumkani bokuQala:

> *Ngokuba utsho uYEHOVA uThixo kaSirayeli, Umphanda womgubo awuyi kuphela, kananjalo negubu le-oli aliyi kusilela, kude kube yimini. . . uYEHOVA aya kuthumela ngayo imvula phezu komhlaba.*
>
> *Kwaye waya waza wenza ngokwelizwi lika-Eliya: kwaye yena, kunye naye, nendlu yakhe, badla imihla emininzi.*
>
> *Umphanda womgubo awuphelanga, kananjalo negubu le-oli alisilelanga, ngokwelizwi lika YEHOVA, elo awalithethayo ngo-Eliya.*

23 Kumele ukuba kwakusele phantse ikukuphuma kwelanga xana wavuswayo. Wajika intloko yakhe ediniweyo emqamelweni xana weva isikhalo, ukulila okuncinci okunqumleza igumbi. Kwaye waye ngazange abe nako ukulala ubusuku bonke, waye lwatyuzwa macala onke ngenxa yale ntlekele inkulu. Inkwenkwe encinci yayivukile kwakho, ekubeni ingalalanga ngaphezu kwemizuzu engamashumi amabini okanye engamashumi amathathu emizuzu, kwaye ndiya liva izwi layo elincinci lisithi, "Mama, awuyi kuphuma kwaye uye kukhangela kwigumbi lokugcina ukutya kwakho kwaye ubone ukuba akukho nje iqhekezana elinye lesonka? Ndilambe kakhulu! Andikwazi nje ukulala."

24 Kwaye njengoko waye khangele kubuso bakhe obuncinci kunye ne. . . izidlele zayo ezincinci ezitshonayo, kwaye amehlo ayo amancinci ejika esiba lubhelu, iinwele zayo ezinde zijinge ukuhla ngenxa yokusilela ukuchetywa, eyayo ihempe yokulala edlakadlaka; iinyembezi ezinkulu ezisuka emehlweni akhe zithontsiza ebusweni bayo obuncinci, njengokuba waye yimbambatha esidleleni waza wathi, "Sthadwa, zama ukuya kulala, kwaye uqonde."

25 Kwakusele kuyiminyaka emithathu kungekho mvula emhlabeni. Waguqa phantsi emgangathweni, ndiya mbona njengokuba ekhala kuThixo, wathi, "Owu Nkosi Thixo, Yehova, Wena unguThixo woobawo bethu, Oye wabondla abantwana Bakho kwaye wabakhathalela kuyo yonke le minyaka. Kwaye ndizamile ukuphila nyanisekileyo nangokuthe tye kuWe, kwaye ngoku ndilapha ndibona inkwenkwe yam encinci ikhalela

into ethile etyiwayo, kwaye akukhonto yakuyinika. Ziveki ezininzi ngoku besizivumela ukuba sifumane isidlo esinye rhoqo ngeentsuku ezintathu okanye ezine, kwaye ngoku konke kuphelile ngaphandle komgubo ongangesandla omncinci kunye nje necephe le-oli. Kwaye ndizama ukuzibamba kude kube semini, ukuze singafi ngelithuba kusebusuku. Yintoni endiyenzileyo, Owu Thixo? Mna, mkhonzazana wakho, ndiye ndaphila ngokunyanisekileyo. Umyeni wam walahleka edabini, idabi leNkosi, kwaye ndibe ngumhlolokazi iminyaka eliqela ngoku, kwaye ndizamile ukuphila ngokufanelekileyo nokugcina iMiyalelo Yakho. Kwaye ukuba lixesha lam lokuhamba, andinangxaki; kodwa inkwenkwe yam encinci, yona nje ikrazula intliziyo yam ibe ziziqwenga ukuyiva icela into ethile etyiwayo, ndingenanto yakuyinika."

26 Xana yena egqibile ukuthandaza, waphakama. Yabuya yayolala kwakho okwemizuzwana embalwa. Kwaye ephakamisele iingalo zakhe phezulu, kwaye nempahla yokulala leyo awaye yinxibile edlakadlaka yayisele nje imalunga nokuphela. Waya efestileni ukuba akhangele phandle, kwaye nje sele kumalunga nokuphuma kwelanga. Owu, kwakushushu kakhulu!

27 Imimoya eshushu yomgwebo yayibhudla phezu kwesizwe eso esasimlibele uThixo. Oko kwakungexesha lokulawula kuka-Ahabhi, oyena kumkani ukhohlakeleyo nongendawo wakwaSirayeli. Kwaye wayetshate umoni, uJezebhele, lowo owaye ngumnquli zithixo. Kwaye umtshato oxubeneyo ngolo hlobo awukaze uphumelele, awukwazi nje ukuphumelela, mhlawumbi umfazi uya kuza ngendlela yendoda okanye indoda iya kuhamba ngendlela yomfazi. Kwaye waye ngumfazi omncinci onomtsalane kakhulu, kwaye u-Ahabhi, nje eluhlobo lwekholwa elidikidiki, wanikezela kwiimbono zakhe kwaye wathi, "Owu, ke, inkolo ayiyonto kum, ndingukumkani." Kwaye baye badiliza izibingelelo zikaThixo baza bamisa izibingelelo zikaBhahali, okanye uBhali, gxebe. Kwaye isikhalo saba sikhulu kangako ngokuchasene nonqulo lwenyani bade abalungiseleli phantsi koxinzelelo olukhulu banikezela.

28 Ngaxesha lithile eladlulayo ndenza intetho malunga nabalungiseleli, okanye into ethile eyenye ngalo mhla, laza iqela lahlangana nam kwaye lathi, "Mzalwana uBranham, amabandla ethu abambelele nje kuthi!" Oko koko ekuyibangelayo, ibandla liya kuphuma ukuba umlungiseleli akabakholisi.

29 Kwaye ixesha elide abalungiseleli babewile phantsi komthelela wokumkani ngokuba isono sasivunyelwe, kwakungekho milinganiselo. Ngumfanekiso omhle kakhulu wanamhlanje ngokuba, isizwe siye sazivuma ezi zinto, abantu babefuna ukuduma. Bacinga, "Okoko nje isizwe satsho njalo, lonto yayilungile." Leyo yindlela abayithetha ngayo namhlanje, "Okoko nje isizwe sisithi kulungile ukuthengisa ibhiya, ngoko

kulungile ukuyisela. Ukuba isizwe sivumela abafazi bethu ukuba banxibe ngokusiqingatha esitratweni, kwaye umthetho ungayi kuba bamba, ngokuba, kulungile ukuyenza lonto.” Oko kusenokuba kulungile kwisizwe, kodwa kwiincwadi ezinkulu zikaThixo unoxanduva kwaye kuya kufuneka ukuba uphendule phambi koThixo. Kodwa babewile, kwafuneka ukuba banikezele phantsi komthwalo.

30 Kwaye isizwe sasiphumelela, kwaye babecinga ukuba impumelelo yayingumqondiso wokuba uThixo waye enabo. Oko ngokupheleleyo akuyiyo inyaniso. UThixo uza kuwe . . .

31 Kukho umzekeliso omdala, umzekeliso wokungahloniphi Thixo, lowo utshoyo ukuba “UThixo unceda abo abazincedayo.” Oko akumhloniphi uThixo! UThixo unceda abo abangakwaziyo ukuzinceda ngokwabo. UnguThixo wabo abadinga inceba. Kwaye UnguThixo onenceba. Kwaye laa mzekeliso lowo utshoyo ukuba “Unceda abo abazincedayo,” ukuba ungazinceda, awuludingi uncedo Lwakhe. Kodwa Yena unceda abo bangakwaziyo ukuzinceda ngokwabo.

32 Kodwa isizwe sacinga, okoko nje sasisitya okulungileyo kwaye babenxiba kakuhle, ukuba yonke into yayiya kulunga.

33 Kodwa kwakukho omnye nangoko owaye seludidi lwakudala, lowo owayekholelwa ukuba kukho uThixo owaye eludidi lwakudala, waye ekholwa ukuba kwakukho uThixo oligcinayo iLizwi Lakhe, waye kholwa ukuba uThixo ka-Abraham, ka-Isake noYakobi, waye ngcwele kwaye waye efuna ukuzinikela okupheleleyo ebungcweleni Bakhe. Kodwa u-Jezebhele neqela lakhe lalemihla yangoku babemthiyile. Waye engumalusi wabo, kodwa abazange bayikholelwe. Ke, kwafuneka ukuba azifihle ngenxa yobomi bakhe.

34 Kwaye uThixo waye emthumele phezulu entabeni, kwaye wathi . . . wamnika umyalezo, kwaye wathi, “Yiya ezantsi kwaye uxelele laa kumkani ungendawo, ‘ITSHO INKOSI.’ Ayizukuna, okanye nkqu nombethe oya kuwa, ude uyibize.” Wakunikela emlonyeni ka-Eliya ukuba abize imvula xana kwakulixesha layo; kodwa waye enezitshixo zezulu, waye nokulivala okanye alivule. Kwaye Wathi, “Ndifuna ukuba unyuke uphumele phandle entlango . . . kwesi . . . ungene entlango, gxebe, uphume kwesi siphithiphithi. Phuma phakathi kwabo. Uye washumayela kubo kwaye abasayi kukuphulaphula, kwaye baya besiba babi kakhulu rhoqo. Hamba unyukele entlango, uze phaya uhlale phantsi ngasemlanjaneni, oyiKeriti, kwaye Ndiya . . . sele ndiyalele amahlungulu ukuba akukhathalele.” Owu, ukuba abantu abavumi, uThixo unonomyayi abo abanokuyenza!

35 UYohane wathi, “UThixo unako kuwo la matye ukumvelisela abantwana u-Abraham.”

36 UYesu wathi, “Ukuba bathe cwaka, amatye ngoko nangoko aya kunkqangaza.”

37 UThixo angenza loo nto Afuna ukuyenza. Wathi, "Ndiyalele amahlungulu, kwaye aya kukondla." Kwaye amzisela inyama kunye nesonka.

38 Umntu othile wathi ngaxesha lithile, "Ayeyifumana phi, Mzalwana uBranham?"

39 Ndathi, "Andazi. Inye kuphela into endiyaziyo, ayizisa. Ayifumana ukusuka kuloo ndawo inye leyo uYesu wenzayo xana Wathabatha iintlanzi ezintlanu kunye...okanye iibhiskithi ezintlanu neentlanzi ezimbini, waza wondla amawaka amahlanu. Iphuma kwakweso sandla sinye sidalayo sikaThixo uSomandla." Bamzisela intlanzi kunye nesonka, onomyayi, bahlala phantsi baza banikela ku-Eliya, kwaye wazidla, kwaye wathoba phantsi wasela ukusuka emthonjeni. UThixo waye phumza umprofeti Wakhe.

40 Owu, ndiyavuya kakhulu ukuba uThixo enendlela yokusinda! Kwaye xana babecinga ukuba waye ephambane, "Laa mprofeti mdala, omdala umbulali wovuyo," wasoloko ezama ukukhupha uvuyo kumatheko abo amancinci wolonwabo ababenawo, ebaxelela ukuba yayisisono. Kwaye uThixo...yena elandela umyalelo kaThixo, wenyuka waya ezintabeni waza wahlala phantsi endaweni ephakamileyo, eyona ndawo yomileyo kakhulu elizweni. Kodwa uThixo wawugcina umlanjana uqukuqela. Kwaye babe sezantsi phaya behlafuna ulwimi lwabo ngenxa yamanzi.

41 Uyazi, uThixo unendlela yokuphendula umthandazo. Lo mfazi mncinci waye ephile ngokwenyani. Waye ngazange wabuya watshata kwakho, wayehlala engatshatanga ukuze ahlangane nomyeni wakhe ebuqaqawulini. Waye ngumfazi ohloniphekileyo. Kwaye iiveki umphanda wawuye usehla, usehla, kwaye yena waqhubeka wathandaza rhoqo, kwaye kwabonakala ngokungathi akukho themba mehlweni naphi na.

42 Uyazi, phaya sinokufumana isifundo ukusuka koko. Okokuba, ukuba uye wathandaza kwaye wahlangabezana nazo zonke iimfuno ezo uThixo afuna ukuba uhlangabezane nazo, kwaye nangoko Abe esathe cwaka, Akathethi nantoni na, kwaye nangoko ube uye wahlangabezana neemfuno, ngoku, yintoni eyenzekayo emva koko? Ukuba uyazi ukuba uye wahlagabezana neemfuno Zakhe kwaye wenze konke okwaziyo ukukwenza, ngoko ukholo aluhenxahenxi, luhlala nje luzolile luze lucinge okukuko. Ukholo luthabatha ukubamba kwalo kwanaphakade kuLwalwa lweZigaba, kwaye alushukumi.

43 Laa mfo mkhulu ubizwa "ukholo"! Ndihlala ndisithi, "Ukholo luneenwele esifubeni." Xana luthethayo, yonke enye into ivala umlomo. Xana ukholo lusithi, "Thula!" ngoko yonke into iyema, kuba lungumphathi.

44 Kwaye yena waye ehlangabezane nayo yonke imfuno. Waye ephile ubomi obucocekileyo, wayephila ngokundilisekileyo,

wayephile ngokubekekileyo, kwaye wayehlangabezane nazo zonke iimfuno zikaThixo. Kodwa, kwakhangeleka ngokungathi Wayethe cwaka. UThixo wenza oko ngelinye ixesha ukuze akuvavanye, ukuze abone ukuba loluphi uhlobo oya kusabela ngalo. Ungayi libali lonto!

45 Ukuba uthe wadlula eqongeni, uye wathandazelwa, zaze izandla zabekwa phezu kwakho, kwaye kwabonakala ngokungathi akukho nto yenzekayo, oko akuluthinteli ukholo nakancinci, uye wahlangabezana neemfuno zikaThixo. Ngoku, ukuba uye wahlangabezana nazo! Ngoku, ukuba uzibambile kuThixo, uyazi ukuba intliziyo yakho iyakugweba . . . Kwaye siyazi, "Ukuba intliziyo yethu ayisigwebi, ngoko sinalo." Ngoku, kodwa ukuba iintliziyo yethu iyasigweba, akukho sidingo sakunqumleza eqongeni, akukho sidingo sakucela kuThixo nantoni na, ngokuba awunalo ukholo lokuyamkela. Kodwa xana uthe wahlangabezana nayo yonke imfuno leyo uThixo ayifunayo, ngoko ukholo luphumela phandle phaya, luze luthi, "UThixo nguThixo! Ndiye ndahlangabezana neemfuno."

46 ISibhalo sithi, "Abo abalindela eNkosini baya kuzihlaziya emandleni, baya kuntingela phezulu ngamaphiko njengokhozi, baya kubaleka kwaye bangadinwa, bahambe kwaye bangatyhafi." Njengoko ingoma isithi, "Ndifundise, Nkosi! Owu, ndifundise, Nkosi, indlela yokulinda." Fumana umphefumlo wam uhlanjiwe eGazini laseKhalvari, hlangabezana nayo yonke imfuno, zitshise zonke iibhulorho ezingqongileyo, kwaye uthi, "Ngoku, Nkosi, akukho nto ezingalweni zam endiyizisayo, ngokulula eMnqamlezweni Wakho ndiya bambelela. Wayithembisa lonto, Nkosi." Olo luhlobo lwemeko, isizathu sokuba abantu bacinge ukuba ndingumntu ozahlulileyo kwabanye. Kodwa egumbini, okanye ngaphaya kwicala lasentlango, leyo yimeko ekufuneka ukuba ungene kuyo ngaphambi kokuba ungene kule pulpiti apha. Kuba, uSathana uhlala ephosa izinto ezincinci ukuzama ukuphazamisa into ethile. Kwaye kufuneka ube ubambelele ngokufanelekileyo kuMnqamlezo, hayi ukuthembela kwesisesakho isakhono, ezizezakho iingcinga, nje ukungqiyama ngeNgalo yanaphakade. Ungabangi bukrelekrele, ungabangi ngqondo iyeyakho, uyazivula kwaye uvumele uMoya oyiNgcwele uthethe. Leyo yimeko uThixo afuna ukuba iBandla Lakhe libe kuyo. Ngena kuloo meko.

47 UThixo uyakuvavanya. Wonke unyana ozayo kuThixo umelwe kukuba kuqala avavanywe, aqeqeshwe, ukuze abone ukuba unako na ukumelana noqeqesho. Ukuba sihamba kwaye sithi, "Ndiyakholwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo, ukuba Wafela izono zam waza wavuka kwakho ngomhla wesithathu. Walinyazwa ngenxa yozikreqo zam, watyunyuzwa ngenxa yobugwenxa bam. Ubetho lokuba ndibe noxolo lwalu phezu Kwakhe, kwaye ngemivumbo Yakhe ndiphilisiwe." Xana

usitsho oko, ngezivunyiweyo...zonke izono zakho kunye nobugwenxa bakho, kunye nezakhono zakho nako konke oko unako, uzibeke esibingelelweni, ngoko, phaya, kungekho nto engalweni yakho, uSathana uya kudubula lonke utolo kuwe anokuba nalo. Kodwa ngoko ukuba uya phambuka ukusuka phaya kwaye uthi, “Ke, mhlawumbi andizange ndasindiswa, mhlawumbi andizange ndaphiliswa,” ngoko nize nijike nisuke Koko, iBhayibhile yathi ninga “bantwana abayimigqakhwe, kwaye hayi abantwana bakaThixo.”

48 UThixo uvavanya wonke unyana ka-Abraham njengoko Wenzayo ku-Abraham, kuba siyimbewu ka-Abraham. Ekubeni safayo kuKristu, siyimbewu ka-Abraham kwaye sizindlalifa ngokwedinga. Imbewu ka-Abraham, lowo ngumoya lowo u-Abraham waye nawo. Waye nesithembiso esinikiweyo. Kwaye ukuba ubawo wethu wathemba uThixo waza wathabatha idinga, into engenakwenzeka, kwaye wabambelela kulo iminyaka engamashumi amabini anesihlanu ngaphambi kokuba yakha yabonakalaliswa, esiya esomelela ngakumbi ngalo lonke ixesha, imbewu yakhe nje ifana noyise. Akunamsebenzi nokuba yintoni na eyenzekayo, xana sithandazelwe, lonto igqityiwe! Xana sisusa yonke into endleleni, sihlangabezane nazo zonke iimfuno, sisuse yonke into endleleni, ngoko sicele uThixo, kwaye sime phaya sisazi ukuba siya kuyamkela lonto.

49 UThixo wamvavanya uYobhi ngolo hlobo. Xana uYobhi wacela inceba, wabingelela idini ngenxa yabantwana bakhe, ekuphela kwento leyo loo mprofeti awaye nayo yayilidini elitshiswayo. Kodwa oko yayikukuphela kwento uThixo awayeyifuna.

50 UThixo akafuni mfundo kunye nobuvuvu obuninzi, Ufuna intliziyo ezinikeleyo kwintando Yakhe. Akakuceli ukuba unxibe ngendlela ethile, okanye—okanye ukuya kwizinto ezithile okanye kwiikholeji ezithile, okanye izidanga. Ucela othobekileyo, otyumkileyo, umoya owaphukileyo, kunye nentliziyo ezimiseleyo ukumamkela Yena.

51 Wavavanya uYobhi, ukubona ukuba loluphi na uhlobo lokusabela Awayeya kulufumana kuye. Kodwa xana Wathabatha izimvu zakhe waza wathabatha neenkomo zakhe, kwaye wathabatha iinkamela zakhe, waza wathabatha abantwana bakhe, “Ndiya kubona ukuba uYobhi uthini ngoku.”

52 Kwaye wathi, “INkosi ibinikile kwaye iNkosi ithabathile, malibongwe iGama leNkosi.”

53 Wafumana loo nto Awaye yixelele uSathana Awaye nayo kuYobhi, “Akakho onjengaye, emhlabeni.”

54 Emva koko iindudumo zaqalisa ukugquma, imibane yaqalisa ukudanyaza. UMoya wehla phezu komprofeti, waze wakhwaza, “Ndiyazi ukuba uMhlanguli wam uyaphila, kwaye ngemihla yokugqibela Uya kuma phezu komhlaba. Nangona imibungu

yolusu itshabalalisa lo mzimba, nangoko ndisenyameni yam ndiya kumbona uThixo; Lowo endiya kumbona ngokwam, amehlo am aya kukhangela, kwaye ingabi wumbi."

55 Wavavanya abantwana bamaHebhere ukuze abone ukuba loliphi na uhlobo lokusabela ababeya kuba nalo. Baye bavuma phakathi kwabahedeni ukuba "Kwakukho uThixo ophilayo, kwakukho uYehova uThixo, kwaye ukuba Waye enguThixo weZulu kunye noThixo womhlaba, kwaye Waye ephethe wonke umphefumlo esandleni Sakhe." Ke uThixo wabavumela ukuba bavavanywe. Kwaye babehlangabezane nazo zonke iimfuno, babethandazile kwaye basusa yonke into endleleni. Kwaye babenayi kuqubuda kumfanekiso wokumkani. Kwaye walenza shushu iziko ngokuphindwe kasixhenxe kunokuba lakha labanjalo. Kwaye akukho ntandabuzo yokuba uSathana waye zama ukubaxelela, "Esi sisiphelo sendlela." Ndithanda ngendlela abathetha ngayo, "UThixo wethu unako ukusihlangula kwelo ziko lomlilo, kodwa, nangona kunjalo, ukuba Akenzi njalo, asisayi kuyaphula iMiyalelo kaThixo. Siya kuhlala sinyanisile! Makhe ukholo lwethu lunkenteze kuyo yonke iminyaka ezayo, ukuba, sahlala ngokunyanisa kwidinga likaThixo."

56 "UThixo wam unako ukundiphilisa *koku*." Okanye, "UThixo wam unako ukundisusa kwesi situlo esinamavili. UThixo wam unako ukwenza *oku*. Kodwa ndimaMkele njengoMphilisi wam. Ndivume izono zam, ukungakholwa kwam, kwaye ndavuma ukuba ndiya kholwa ukuba Yena unguMphilisi wam. Makhe kuze, kuyeke kuhambe okunokuhamba. Ukuba andiphilanga namhlanje, ndiya kuphila ngomso; ukuba andiphilanga ngomso, ndiya kuphila kunyaka olandelayo. INkosi yanika kwaye iNkosi ithabathile, malibongwe iGama leNkosi!"

57 Owu, nantso apho yayikho! Kwaye xana bangenayo ezikweni lomlilo, phantsi kokulingwa, phantsi kovavanyo, babambelela benyanisile ukuya esiphelweni. Kodwa uThixo waba phaya nje ngaloo mzuzwana, kwaye Wabahlangula. Babesazi ukuba babethandazile, izono zabo zazivunyiwe. Babesazi ukuba babehlangabezane nayo yonke imfuno, kwaye nangoko Waye khangeleka ethe cwaka. Uthe cwaka kuphela ukuze akuvavanye, ukuze abone ngokwenene lonto uyiyo, ukuba yintoni na engaphakathi kuwe, abone ukuba eneneni uthetha ukusuka entliziyweni yakho loo nto uyithethayo ngemilebe yakho. Makhe oko kungene nzulu. Sinokuthetha ngemilebe yethu, kodwa ingaba intliziyo yethu ithetha lonto na?

58 Ngoku, xana lo mfazi mncinci waye sazi ukuba waye hlangabezane nazo zonke ezimfuno, kwaye nangoko uThixo wayethe cwaka. Waye bonakala ngokungathi Akazange nkqu amkhathalele, Waye ngakhathali nokuba uyaphila okanye uyafa. Kodwa, ngalo lonke ixesha, uThixo wayesebenza. Wayengazi malunga nalonto, kodwa uThixo waxelela u-Eliya. Wawomisa

umlanjana, wolula isandla Sakhe kwaye wawumisa umlanjana ekuqukuqeleni. Kwaye u-Eliya wathi, "Nkosi, kutheni uyekile ukuqukuqela?"

59 Wathi, "Ndiyalele umfazi ongumhlolokazi ukuba akondle." Wayesele emyalele, yena waye ngayazi lonto.

60 Usenokuba uyalele ngawe ubungqina bokuphiliswa kwakho; usenokuba awuyazi lonto, kodwa nje bambelela. Xana uqinisekile ukuba uhlangabezane nazo zonke iimfuno, xana usazi ukuba wenze yonke into leyo waziyo ukuyenza, waza wazibeka phambi koThixo, kukho into enye kuphela emawuyenze, kuku, bambelela kwidinga Lakhe ngoko. Hlala phaya! UThixo wathembisa ukuphendula, Uya kuyenza lonto. Awuyazi lonto Ayalele ngayo, yeyiphi ingelosi, okanye *yintoni* emawuyenze. Kusenokuba bobu busuku, ngaphambi kokuba inkonzo yempiliso iqalise ngomso ebusuku. UThixo usenokuba uyibonile imeko yakho namhlanje, Usenokuba uwuvile umthandazo wakho.

61 Ndiyavelana kakhulu naba bantu abazizithulu nabazizimumu. Ndifuna ukubeka izandla kubo ndibathandazele, ndiqalise ukuma kubusuku obugqithileyo, kodwa ndiye ndathi oko akuyikulunga kubo bonke. Kodwa ndazi njani ukuba ndaweni ithile ayingoThixo othe cwaka oyaziyo intliziyo, aba bantu bahlangabezane nemfuno yabo kaThixo, kwaye balungele, kwaye kukho ingelosi apha ngobu busuku ukubahlangula kuyo yonke inxwaleko yabo? Ndazi njani? UThixo usenokuba uyalele ukuhlangulwa kwabo ngobu busuku. Nokuba ndiya bathandazela abagulayo, okanye hayi, baya kuyifumana ngokuba uThixo uyifunile lonto. Qiniseka ngoThixo, uze emva koko ubambelele, hlangabezana neemfuno Zakhe. UThixo uyayazi indlela yokwenza izinto ezilungileyo, uyakwazi ukuzenza ngendlela efanelekileyo.

62 Ngoku, yinto engaqhelekanga kakhulu yokuba uThixo athumele umprofeti Wakhe endlwini yomfazi ongumhlolokazi. Enjani yona indawo! Kodwa yena usenokuba waye ngumfazi onesidima ngenene, okanye Ngewaye ngazange wathumela umprofeti Wakhe phaya. Owu, ukuba umntu waye fanelekile, bekuya kufuneka ukuba kube ngumntu ofanelekileyo ukonwabisa umntu onjengo-Eliya.

63 Niyakhumbula, yayingu Zakariya, endlwini yakhe, okokuba waye ethembekile kwaye enyanisile, elindele ukuba uThixo abanike umntwana, kwaye iNgelosi, uGabhriyeli, weza endlwini. Kwaku yintombi enyulu uMariya eyayiphile ngokucoceka nanyulu, kwaye ilindele isithembiso sikaThixo, Awathi wathumela iNgelosi kuyo.

64 Thetha malunga nokubaleka ujikeleza kunye nehlabathi kwaye uncwasana nehlabathi, kwaye ngoko ulindele ukubona iingelosi kwaye wenze imimangaliso, lonto ingaphandle

kwenkqubo kaThixo. Kufuneka uphile ngokufanelekileyo. Coca indlu, coca imikhwa yakho, coca izinto zehlabathi, lahla amakhadi akho nobudlelwane bakho behlabathi, zilungiselele, ukuze ngoko iNgelosi kaThixo ibe nokuthetha ithi, "Musa ukoyika, ndiM." Ngoko izinto zenzeke. Kodwa yena . . .

65 Umfazi omncinci waye sezantsi ethandaza, engazi ukuba ukuhla entabeni kuza umprofeti. Wayeye waba nombono, apho amakaye khona. UThixo akabakhokeli abantu Bakhe ngobumfama, Uyabaxelela apho baya khona. Waye ekhangele esixekweni. Owu, kwakusoyikeka. Abantu babelambe ukusa ekufeni, kwaye bekhalela amanzi, nabantu abalambileyo. Lonto yimbonakaliso yokuziphatha kakubi. Yimbonakaliso yesono.

66 Kwaye esi sizwe sisengxakini. Awunako . . . Imilinganiselo, nkqu kwanomthetho wemvelo awunakuze uyivumele ukuba lonto ibe njalo, xana si—xana sichitha imali ngobomi bokuzibhubhisa, kwaye isiqingatha sehlabathi silamba ukusa ekufeni; bonke bangabantu abo uKristu wabafelayo.

67 Naso isizathu sokuba umsebenzi wobumishinari basemazweni usentliziyweni yam. Ninabalungiseleli abamangalisayo apha ePhoenix, nakuzo zonke iindawo zase-United States kunye neendawo, iicawe kuyo yonke imbombo, amadoda amakhulu akwaThixo, iinkonzo zempiliso, amadoda amakhulu anjengo-Oral Roberts kunye namanye amadoda amakhulu, ashumayelayo. Kwaye kukho abantu ngaphaya, besifa ngamawaka yonke imihla, abo abangazange beve ngeGama likaYesu. Amahlwempu amancinci, amdaka, amanegro alambileyo, phaya ezantsi e-Afrika nangaphaya e-India, abafo abancinci belele esitratweni, besifa, bengazi nokuba "uThixo" uthetha ntoni na. Kwaye ngoko sixambulisana malunga neeyantlukwano zethu ezincinci zeenkolo yonqulo. Owu, lonto nje ayilunganga ngokuchanekileyo kanye, andicingi, zihlobo, ukuba kusentliziyweni yenu ukubona oko.

68 Ngoku, qaphela lo mfazi omncinci ulusizana, emveni kokuba ekhangele phandle ngefestile waza wabona ukuba kwakumalunga nokuphuma kwelanga, kwakumnqabele ukwazi ukuba yayi yintoni eyayimlindele. Wayecinga ukuba yayikukufa kuye kunye nenkwenkwe yakhe encinci. Ke ndi . . . Ngelithuba yena aleleyo, masimkhangeleni nje imizuzu embalwa. Wahamba, emveni kokuba ethandazile, kwaye yena waziphulula iinwele zakhe ezincinci ezibuyisela umva ezisusa emehlweni akhe, waza wathi, "Sthandwa mfo omncinci, ukhangeleka ufana kangako nowakho oxabisekileyo, ongcwele utata. Indlela awaye mthembe ngayo uThixo! Indlela awanikela ngayo ubomi bakhe ngenxa kaSirayeli, phandle kwithafa ledabi! Kwaye ukhangeleka ufana naye kakhulu kangako. Kwaye, Sthandwa, andazi ukuba kutheni abamsulwa besiva ubunzima kunye nabanetyala, kodwa baya kwenza oko."

69 Esi sizwe, amaKristu, siya kubandezeleka ngenxa yentswela bulungisa kwezopolitiko, zenza isizwe siphela sibandezeleke.

70 Ngoku ndiya mbona engena kwaye esithi, "Ndiya kulungisa iqebengwana elincinci ngoku. Ndifumene nje owaneleyo weqebengwana elinye elincinci le—lesonka oseleyo, kwaye xana silidlayo, emva koko siya kufa." Ke wangena egumbini, waze wakhupha umgubo emphandeni womgubo. Ndiya mbona nje ewuqongqotha ngesiya sincinci, isandla esibhityileyo, njengokuba ebetha enqumleza umphanda omncinci lowo ubukuwo; ewuqongqotha, yonke intwana yothuli, kwaye ekugqibeleni wafumana nje owanele iqebengwana elinye; waya ngaphaya kwigubu elincinci waza waliphakamisa kwaye waqongqotha yonke intwana ye-oli ekulo, emalunga necephe.

71 Ngoku, umgubo, zonke ezo zinto zinentsingiselo. Umgubo umele "UKristu." UKristu waye ngumgubo womnikelo. Xana babesila umgubo womnikelo wotshangatshangiso, ngenxa kaKristu, ntoleyo eyayinguKristu kumnikelo wotshangatshangiso, kwiTestamente eNdala, babewusila ngohlobo oluthile lwentsimbi, ukuba sonke isiqwenga esincinci somgubo kufuneka sisikwe nje ngokufanayo, ngokuba uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

72 Niya khumbula xana ezinye zezikolo phezulu phaya zazingazi umahluko phakathi kwamathangazana ne-eertyisi, baza baphosa amanye amathangazana esityeni se-eretyisi, ukuba kuphekwe, kwaye bakhala, "Kukho ukufa embizeni."

73 U-Eliya wafumana umgubo ozele isandla, wawuphosa embizeni, waza wathi, "Yidlani!" Yintoni umgubo owayenzayo? Umgubo, embizeni, wayiguqula ukusuka ekufeni ukuya ebomini; ukusuka kumthombo obulalayo ukuya kumthombo odlisa ubomi.

74 Leyo yinto ekwanye ekuyiyo ngobu busuku, xana kukho ukufa esityeni sakho. UKristu, ephoswe esityeni sakho, ukukhupha ekufeni akuzise eBomini. UKristu wenza umahluko. Wakungena entliziyweni yomntu, owu, Unika uxolo olo oludlula ukuqonda. Kwaye kananjalo Unika uBomi obunguNaphakade, "Lowo ukholwayo kuNyana unoBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kutshabalala."

75 Ngoku, wafumana umgubo, ntoleyo eyayimele uKristu. Kwaye uKristu uliLizwi. "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, uLizwi waye kunye noThixo, kwaye uLizwi waye nguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu." UKristu, uMgubo womnikelo! Emva koko wahamba waza wafumana i-oli. Kwaye i-*oli* imele u "Moya." Ke wahlanganisa iLizwi noMoya kunye, kwaye waqalisa ukuZixuba.

76 Owu, into ethile imele ukwenzeka xana oko kusenzeka! Makhe lonto ibe njalo ngobu busuku ukuba iLizwi elo endilishumayelayo liwele entliziyweni yakho. Ngoko makhe

uMoya oyiNgcwele ungene phaya kwaye uye ekuxubeni Oko. Ukhangele ukuba yintoni eyenzekayo xana uhlanganisa iLizwi noMoya ndawonye! UYesu wathi kumfazi equleni, “Mfazi, Ndiya kuxelela, ixesha liyeza, kwaye selikho, xana uThixo efuna ukunqulwa ngoMoya nangeNyaniso.” Kwaye Yena uyiNyaniso.

77 Umgubo, khangela loo nto awayenzayo, waxuba iLizwi kunye noMoya ndawonye. Abantu abaninzi banoMoya ngaphandle kweLizwi, abanye baneLizwi ngaphandle koMoya. Kodwa uthabatha, uhlanganise Zombini ngokuchanekileyo kwindawo yazo, kukho iqebengwana elisendleleni! Kukho into ethile eyenziwayo.

78 Umhlolokazi omncinci olusizana waye ngayazi into awayeyenza, kodwa uThixo wathi ku-Eliya, “Ndimyalele.”

79 Kwaye u-Eliya usendleleni yakhe phezu kwendlela yamatye, esihla ukuza kubona umbono wakhe uzalisekile ndaweni ithile. Kwaye nanko yena emi phaya, iinyembezi ezosula ngomkhono wakhe omdala odlakadlaka, kwaye esithi, “Owu Yehova Thixo, ukholo lwam aluzange lusilele, kwaye alusayi kusilela. Ngandlela ithile okanye enye, andazi ukuba kutheni konke oku kunje, kodwa sifundisiwe ukuba zonke izinto zisebenziselana kunye kokulungileyo.” Yena wayexuba lo mgubo mncinci, walungisa iqebengwana elincinci lonke waza walimbambatha. Wathi, “Ngoku lixesha lokuba mna ndiphume kwaye ndifumane iinkuni ezithile.” Wabuyela umva waza waluvula ucango, kwaye wathi, “Owu Nkosi, eso silusizana isisu esincinci esilambileyo esilele phaya, kwaye andizange nditye iiveki ezimbini okanye ezintathu. Ndiye ndamnika iqhekeza lam leqebengwana.”

80 Lowo ngumama, uthando lukamama kusana lwakhe, akukho nto ifana nalo, ngaphandle kothando lukaThixo: “Umama usenokululibala usana lwakhe olwanyayo, kodwa aNdinakuze ndinilibale. Amagama enu akroliwe ezintendeni zezandla zaM.” Anganilibala njani na? “Andinakuze ndikuyekele, okanye andingekhe Ndikushiye. Ndiya kuhlala ndinawe, nkqu nokuya esiphelweni sehlabathi.”

81 Nanko ekhangele kusana lwakhe, mhlawumbi wabuyela umva wancamisa ibunzi lalo elincinci. Nokuba yena ubengafa isiqaqa aze afe ngaphandle. Waphuma. Ibiqalisa nje kuhlobo lo. . . ilanga laqalisa ukuphuma phezu kweenduli zakwaYuda. Kwaye wakhangela elangeni liqalisa ukuvela. Ezantsi esitratweni weva ukuqalekisa nokuqhubela phambili. Kwaye waphuma eyadini, kwaye qaphela, wachola amakhuni amabini, hayi umthwalo wengalo, amakhuni *amabini*. Ingaba yintoni leyo? Umnqamlezo.

82 Ngoku, nabani na uyazi, nawuphi na wezihlobo zam ezingamaNdiya apha ziyazi, okanye nawuphi na umzingeli, indlela echanekileyo yokwenza umlilo ukuze uhlale, kuku, nqumlezisa amakhuni amabini, iziqobo ezimbini, uzintumeke

kanye embindini, kwaye nje uqhubeke utyhala iziphelo zingene phakathi. Uya kuhlala ubusuku bonke. Amaxesha amaninzi ndiye ndalala entlango, namakhuni amabini angemakhulwanga kuno*kuya,* kwaye agcine ubushushu ubusuku bonke. Nje owaneleyo ukugcina kushushu, uzigcine zihamba kanye ukuya embindini wawo.

83 Ngoku yintoni aya kuyenza? Kukuntumeka la makhuni amabini. Kwaye iLizwi noMoya zizise ukuzincama buqu emnqamlezweni, ulungele umsebenzi, ulungele ubomi. Ukuhlanganisa iLizwi noMoya, olo lukholo lwakhe kwiLizwi likaThixo ngoMoya oyiNgcwele, ezikhokelela ekubeni anikele ngayo nantoni na eyenye eMnqamlezweni. Kwaye xana wafaka amakhuni phantsi kwengalo yakhe, amabini awo, waza waqalisa ukubuyela emva, waqalisa ukubuyela emva, kwaye kwabakho izwi elezayo livela esangweni, "Nenekazi."

84 Kanye nje ngaphambi koko, endala, mhlawumbi enempandla, kwaye izimvi zijinga phezu kwamabhovu akhe, kwaye neenwele zakhe zijinga ukuhla, intonga encinci esandleni sakhe, ufele lwegusha oludala okanye into ethile isongelwe kuye, esihla ngesitrato, esithi, "Nkosi, iyinto enika ithemba nengqinisekiso. Kuya kubakho okhangeleka ethandeka umfazi oselula" (umele ukuba ubeselula, inkwenkwe yayiselula) "phandle eyadini. Undixelele ukuba lowo yayingumhlolokazi lowo owaye yakundondla. Ngoku, uphi yena? Ndiya kuqhubeka ndihamba." UMoya wamkhokela *ngale* ndlela, emva koko wamjika. Owu, yinto emangalisa kakhulu njengoko oonyana bakaThixo bekhokelwa nguMoya kaThixo. Akunamsebenzi nokuba ivakala ibubudenge kangakanani na, baya khokelwa! Yena wahamba. . . Wehla ngesinye isitrato waza wenyuka kwesinye, wehla ngesinye isitrato kwaye wenyuka kwesinye.

Emva kwethutyana, uMoya wathi, "Khangela ngasekunene kwakho."

85 Kwaye wakhangela macala onke ngolo *hlobo,* kanye njengokuba Esenza apha eqongeni, ubusuku emva kobusuku. Owu, uThixo usenjalo! "Khangela ngasekunene kwakho, ngasekhohlo kwakho, kukho umntu othile othandazayo oyidingayo lonto."

86 Kwaye wakhangela ngasekunene kwakhe. "Uthi, naliya ithemba nengqinisekiso. Oko nje kunjalo. Andinakusuka nje apha, ngokuba kukho umthi omdala omi phaya. Kwaye kukho yonke into kanye nje ngendlela endiye ndabona ngayo embonweni." Ucango lwavuleka kwaye omncinci umfazi obhityileyo waphuma.

87 Ngoku, khumbula, yena nje uya kuchola amakhuni amabini. Waye ngenakuze achole amathathu, kuthabatha amabini ukwenza uMnqamlezo. Wachola amakhuni amabini wawabeka engalweni yakhe waza waqalisa ukubuyela emva, ecinga,

"Ndiya kwenza iqebengwana elincinci xana unyana evuka. Kwaye ngoko ndiya kumondla ngayo, andiyi kutya nayiphi na ngokwam. Kwaye ndiya kubeka inkwenkwe yam encinci ezingalweni zam, kwaye phaya siya kuhlala size sife." Kwaye waqalisa ukungena endlwini.

88 Weva izwi elingaqhelekanga ngaphaya kwesango, lathi, "Mfazi, ubungandiphathela intwana yesiselo samanzi ngesitya?"

89 Kwaye wajika, waza wacinga, "Phaya kumi ixhego elinobubele esangweni." Wakhangela kulo ngokusondeleyo ngenene, waza mhlawumbi wosula iinyembezi emehlweni akhe, kwakuse kusasa kakhulu. Uyazi, uThixo wenza izinto ngokungaqhelekanga kakhulu. Waye kulungele ukunikela. Amanzi ayeyinto enqabileyo, ibingazange yana iminyaka emithathu neenyanga ezintandathu.

90 "Ubungandiphathela . . . " Mhlawumbi uThixo wamxelela ukuba athethe oko, abone ukuba yintoni aya kuyenza, evavanya ukusabela kwakhe. "Ubungandiphathela nje intwana yesiselo samanzi ngesitya?"

91 Kwaye wakhangela kuye. "Wavakala ngokwahlukileyo. Kukho into ethile malunga nexhego leyo endilivelayo ngayo."

92 Naliphi na ikholwa kuThixo liya kwabelana ngokusemandleni alo konke elinako nomnye. Ewe. Leyo yenye into malunga nabantu bamaPentekoste, baya kunikela ngehempe beyikhulula emzimbeni wabo, ngenxa yeSizathu. Kunjalo oko. Yinyaniso. Leyo yinto enkulu, enye yezinto ezinkulu ngabo. Bangabona baphi bakhulu kakhulu ehlabathini, kuba bayazi ukuba ezi zinto zasemhlabeni ziyinto engento. Babeka ubutyebi babo phezulu eZulwini, kuba baya kunyukela phaya ngolunye lwezintsuku.

93 Kwaye ke lo mfazi, wathi, "Nje ndiya kwabelana ngamanzi am. Siya kufa, ke ndiya kunikela ngesiselo sam samanzi, kwaye ndisinike inene elidala elinobubele elimi phaya, ngokuba likhangeleka linxaniwe kwaye lidiniwe." Wathi, "Ndiya kuwazisa." Waza waqalisa ukuhamba.

94 Kwaye kwakho weva izwi, lisithi, "Kwaye kwesinye isandla sakho, ubungandiphathela elincinci iqhekeza lesonka?" Owu, bethu! Ngoku, ngoku kuthini na?

95 Ithemba lokugqibela lakhe lobomi bomntwana wakhe. Ithemba lokugqibela elo ababenalo, kwaye isonka siya kube sihambile, i-oli ihambile, yonke into iya kube ihambile ngoku. Kodwa wakhangela ngasemva, waza wazibuza. Wathi, "Ndinomgubo omncinci oseleyo emphandeni. Ndine-oli eyaneleyo leyo endiyithambisileyo, kwaye sele ndisilungisile, okanye, ndiyixubile. (NdineLizwi kunye noMoya zixutywe kunye phaya. NdinoMnqamlezo apha wokuzibeka phezu kwawo, ukuze ndizenze ekubeni zibe liqebengwana ukuba zinike uBomi.)" Kwaye kuxana uMoya kunye neLizwi zihlangana

ndawonye, eMnqamlezweni, zenza isonka soBomi esipheleleyo sakho. Kunjalo oko. "Kwaye ndinazo kunye, kwaye ndiya kungena ngoku ukuze ndisibhake, kwaye ndinike inkwenkwe yam encinci efayo phaya, leyo ibikhala ubusuku bonke ngenxa yento ethile etyiwayo, ndi—ndimelwe kukuba ndiyinike sona. Ndiya kuncama esam kwaye ndi—ndiya kusinika kuyo. Kwaye ngoko ndiya kuyithabathela ezingalweni zam, kwaye sobabini siya kulinda ukufa."

96 Wathi, "Kodwa, undenzele esincinci, kuqala." Ingaba oko akuqhelekanga na ukuba indoda iya kucela umfazi ongumhlolokazi, ofayo, ngeyokugqibela intwana yomgubo awayenayo endlwini, nomntwana ofayo? UThixo wenza izinto ngokungaqhelekanga kakhulu! Wathi, "Ndenzele esincinci, kuqala!"

97 Wafunda, "Uyazi, iBhayibhile ithi ukuba sonwabise abangaziwayo. Siye sabonwabisa abangaziwayo, bebezingelosi, singayazi loo nto esasiyenza." "Ke," wathi, "Ndiya kusenza."

98 Wathi xana ajikayo, wathi, "Kuba . . . " Owu, bethu. Nantso apho yayikho, eyona ntuthuzelo inkulu elakha naliphi na ikholwa laphulaphula kuyo, "Kuba, ITSHO INKOSI!" Elo liLizwi awaye lindele lona. "ITSHO INKOSI, 'Umphanda awusayi kuphela, kananjalo negubu alisayi koma, kude kube yimini leyo uThixo aya kuthumela imvula emhlabeni.'"

99 Yintoni esiyifumanayo phaya? Funani tanci ubuKumkani bukaThixo, nobulungisa Bakhe, zonke ezinye izinto ziya kongezelelwa. "Ndazi njani, Mzalwana uBranham? Ndazi njani?" Ekuphela kwento endiyaziyo, beka uThixo kuqala kwaye uqhubele phambili. Nikela! Xuba i-oli, xuba i—iLizwi noMoya kunye, zibeke ngokwakho phezu koMnqamlezo, kwaye uthi, "Ndilapha, Nkosi." Beka uThixo kuqala kuyo yonke into!

100 "Kuba, ITSHO INKOSI, 'Igubu alisayi koma, kananjalo nomphanda awusayi kuphelelwa, kude kube yimini leyo iNkosi uThixo iya kuthumela imvula phezu komhlaba.'" Waye esazi, ngoko, ukuba lowo yayingumprofeti kaThixo ethetha kuye. Owu, indlela ekumele ukuba intliziyo yakhe yaxhuma ngayo! Yena wabalekela ngaphakathi kwaye wenza ela qebengwana lincinci waza walizisa kuye, kunye namanzi, izandla ezingcangcazelayo phezu kwezo zidlele zindala zitshonileyo, waye esazi ukuba uThixo wayezile ukuba abahlangule, phezu kweqhekeza elincinci lesonka.

101 Owu, thabatha nje eso sithembiso sincinci sikaThixo, kwaye ulungise yonke into, uze uphume endleleni, ukhangele ukuba yintoni eyenzekayo! Susa loo ntliziyo . . . ukungakholwa kusuke kuyo. Nje thabatha oko kukholwa kuncinci oko unako, uze ukubeke eMnqamlezweni, kwaye uthi, "Oku kukuphela kwento endinayo, Nkosi. Yithabathe"; khangela utshintsho, "ITSHO

INKOSI.” Owu, Ikwanguye namhlanje kanye njengokuba wakha Wabanjalo. Oko yiloo nto awaye yilindile.

102 Mhlawumbi kubonakala kusoyikeka kumnyama ngoku, kodwa, uyazi, ngamanye amaxesha sifundisiwe, kwaye ndashumayela ngayo ngobunye ubusuku, kwasoloko kumnyama kakhulu ngaphambi kwemini. Kukukweyona yure imnyama kakhulu ebusuku xana ikhwezi lokusa liqaqamba, libonakalisa ukuza kwelanga.

103 EJamani banomfanekiso, bawubiza ngokuba “Lilifu” lomfanekiso. Lu—luya khuphisana kulo mfanekiso mkhulu wokubethelelwa emnqamlezweni e. . . eForest Lawn eLos Angeles (umfanekiso omkhulu ubanzi njengoko esi sakhiwo sinqumlezile, kwafuneka ukuba bakhe isakhiwo esijikeleze umfanekiso; abaninzi benu niye nawubona). Kodwa lo useJamani ubizwa ngokuba, “ingelosi . . . ” okanye, “USuku lweLifu,” Ndiyakholwa ukuba libizwa njalo. Kwaye xana usuka isiqwenga ukusuka kuwo uze uwukhangele, owu, ubonakala usoyikeka, ukhangeleka njengamafu anomsindo axubeneyo ajikelezayo elinye nelinye, ngolo hlobo, njengokuba izibane zibonakalisa kuwo. Kwaye kubonakala ngokungathi amafu ayahamba, njengokuba umfanekiso wenziwe ngako ukubonakalisa izibane, zenza ubonakale njengelifu, isaqhwithi esinomsindo esiya kuqwenga yonke into. Kwaye ngoko uyaxelelwa ngumkhokeli, “Sondela kufuphi, kwaye nje hlala uwukhangele.” Kwaye xana usondelayo ngenene kulo, ayingomafu, ngamaphiko eengelosi ebetha kunye, zivuya. Yintsikelelo efihlakeleyo.

104 Mhlawumbi isigulo sakho ngobu busuku, mhlawumbi ukuzinikela kwakho ukuphumela apha, bekuyintsikelelo nje efihlakeleyo. IiNgelosi zikaThixo zilapha, zikhona, ukuba zibandakanye amaphiko azo kunye kwaye zivuye, ngokuba kubhaliwe eSibhalweni, ukuba, “IiNgelosi zeZulu ziyavuya xana umoni omnye eguquka.” Cinga ngako oko. Kuba, ITSHO INKOSI, uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ubabalo lwakhe alunakuphela. Kwaye Ukulungele ukuninika nantoni na iintliziyo zenu ezikunqwenelayo.

105 Ngoku masithandazeni okomzuzwana, ngelithuba sithobise iintloko zethu emthandazweni. Kwaye ndiyathemba ukuba nihlala nisekuzimiseleni komthandazo. Ingaba kukho umntu othile ngoku (ngamehlo enu evaliwe kunye neentloko zenu zithotyelwe eluthulini olo enathatyathwa kulo; kwaye, ukuba uYesu uyalibala, nibuyela kwakho eluthulini) kwaye awusindiswanga, ingaba ubungasiphakamisa nje isandla sakho *ka*ngako, kwaye uthi, “Mzalwana uBranham, ubomi bam buye bababubi, kananjalo, kwaye andisindiswanga. Ndikhumbule emithandazweni yakho ngobu busuku, Mzalwana, ndiya kusiphakamisa isandla sam”? Ingaba loo

mntu ulapha, inkwenkwe, intombazana, indoda okanye umfazi, ongasindiswanga? Andisayi kunibuza ukubheka phambili, nje ukuphakamisa isandla sakho ngoku ukuze ndibe nokukuthandazela.

106 Ngasekunene kwam, uThixo akusikelele, uThixo akusikelele, uThixo akusikelele, nawe, nawe. Ndaweni ithile iyenye, kude emva ngasemva, ndaweni ithile apha embindini wepaseji, nje phakamisa isandla sakho. Akukho bani ujongileyo, nje vumela mna noMoya oyiNgcwele senze oku kujonga. Ngoku, uThixo akusikelele, uThixo akusikelele. Oko kulungile.

107 Umntu othile embindini wepaseji, phakamisa isandla sakho, uthi, "Mzalwana uBranham, andinguye umKristu. Ndi—ndimdinisile uMoya oyiNgcwele wakude kakhulu kum wade Akasaba nako nkqu ukundikhathaza kwakho. Kodwa, eneneni, ndiyazi ukuba andilunganga. Ndiyazi ukuba andizange ndizalwe ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele. Ndiyazi ukuba a—andifanelekanga. Andinako nakuphi na... Andizange ndizivume zonke izinto zam. Andizange ndihlangabezane nazo zonke iimfuno zikaThixo."

108 Mhlawumbi uyagula. Akusayi kukunceda nganto de ube uhlangabezane neemfuno zikaThixo. "Mzalwana uBranham, ndiye ndavuma ubuKristu ixesha elide, kodwa ngenene bendisoloko ndiyithandabuza impiliso eNgcwele. Ndi—ndiye nje ndaba luhlobo lokuzibuza ukuba lo Moya oyiNgcwele wawunyanisile na." Owu, dade othandekayo, okanye, mzalwana othandekayo, awunakuze ufumane kwanto esuka kuThixo ngolo hlobo. Hayi. Umelwe kukuhlangabezana nayo yonke imfuno, uze ngoko uqiniseke ukuba ulungelene kunye noThixo. Ngoko thabatha isithembiso Sakhe kwaye ubambelele kuso.

109 Ekhohlo kwam, ingaba kungabakho nabani na ngaphaya? Abanye benu bantu batsha emva phaya, nje ngokunjalo, ukuba akunguye umKristu, phakamisa isandla sakho uze uthi, "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham." UThixo akusikelele, ndiya zibona izandla zenu, kude emva, emva ngasemva, ndiya kubona, nenekazi; emva apha, ehe. Ngapha, phaya ngapha, ewe, intombazana encinci. Ehe, ehe iNkosi inisikelele nonke phaya. Oko kulungile.

110 Ngoku, ndinithembisile phandle apha yiloo nto kuphela endiya kunicela yona, nje ukuba niphakamise izandla zenu. Ngoku siya kuthandaza. Kwaye ngaphambi kokuba senze oku ngoku, emva kokuba sifumene aboni ngezandla zabo ziphakanyisiwe, ezithile ezingamashumi amabini okanye amashumi amathathu, bangaphi abagulayo, ungaphakamisa isandla sakho uthi, "Ndikhumbule, Mzalwana uBranham, emithandazweni yakho, ukuze uThixo abe nenceba kum kwaye andiphilise"? Ndiyaqikelela ukuba kukho amakhulu amabini, okanye ngaphezulu, abo. Kulungile.

Masithandazeni.

111 Bawo wethu waseZulwini, kulubabalo kakhulu ukuza kuWe nezi zicelo. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] "...kwaye kuM, NdinguMdali wakho." Kwaye baphakamise isandla sabo, ngoko oko kubonisa ukuba uMoya mkhulu kunenzululwazi. Bawo, Wathi, "Akukho mntu unokuza kuM, engathanga uBawo waM amtsale kuqala. Kwaye bonke abo abezayo kuM, Ndiya kubanika uBomi obungunaphakade." Ngoku bangaBakho, Nkosi. Banike uBomi, kanye ngoku, apho bahleli khona ezitulweni zabo. Banga bangafumana uBomi obunguNaphakade. Wanga Ungabavusa ngomhla wokugqibela, ubanikele kuBawo uThixo waseZulwini njengamatye anqabileyo kwisithsaba seBandla. Siphe oko, Bawo.

112 Ndithandazela aba bagulayo nabaxhwalekileyo. Uninzi lwezandla zabo ziye zaphakama ngobu busuku, ngokuba bambonile ukuba laa mfazi lowo eneneni waye mdinga uThixo; wazibona ezo yure zibalulekileyo zisiza. Akukho ntandabuzo kukho abaninzi abahleli apha kwa ngalo ndlela inye, abo abamelwe kukufa, kodwa uThixo ubesele eyalele abaprofeti Bakhe, kwaye yonke into ilungile. Iya kusebenza nje kakuhle. Ukuba baqinisekile ukuba yonke into ilungile, ngoko baqinisekile ngoThixo. Baqinisekile ukuba Uya ligcina idinga Lakhe. Ngoko, Bawo, siyathandaza ukuba Uya kusebenza kunye nabo ngobu busuku, njengaBakho abathandekayo, abagulayo abantwana; kwaye uya kuphilisa iinxwaleko zabo, kwaye ubanike amandla nobabalo kunye nokholo. Yenza, Bawo.

113 Sikelela bonke abalungiseleli abalapha ngobu busuku, abaprofeti Bakho abaxabisekileyo. Siyathandaza ukuba uya kubathambisa, Nkosi, kwaye banga bangaba ngabo abaya kusikelela amakhaya aba bantu, ukuba kuya kubakho iSonka soBomi emakhayeni abo okoko nje besaphila. Langa igubu labo lingangaze lome, okanye imiphanda ingabi nanto. Kwanga kungabakho isonka sokomoya kwibandla ngalinye kulo lonke eli lizwe, Nkosi, esiyakondla abalambileyo nabo basweleyo. Siphe oko, Nkosi.

114 SiyaKuthanda. Kwaye siyazi ukuba Wasithanda kuqala, kuba xana sasisengaboni, uKristu wasifela, Omsulwa ngenxa yonetyala, ukuze abe sisicamagushelo sezono zethu, ukuze asixolelanise ukubuyisela kuThixo; xana sasilahlekile kwaye sonakele, ngaphandle koThixo okanye uNyana Wakhe, ukusuka emyezweni wase-Edeni, ukusuka kwizikreqo zoobawo bethu kwasingenisa kwisiphithiphithi sesono. Kwaye uYesu wasithanda kakhulu ukuze Aze ngentando kaThixo waza wasihlangula wasibuyisela kuThixo, ngomnikelo wobomi Bakhe eKhalvari. Enkosi, Bawo, ngenxa yako konke ukulunga Kwakho.

115 Siphila kwizithunzi zexesha lesiphelo. Kusenokungabikho busuku bangomso. Andazi, Nkosi, oko kukuWe. Kodwa ngelithuba kusenokwenzeka ukuba abanye bangaba nokungena ngobu busuku, Bawo, ndiya thandaza ukuba Uya kuthumela uMoya oyiNgcwele.

116 Wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, ke kuya kuba njalo ekufikeni koNyana womntu." Ngemihla yaseSodom, babeneendidi ezintathu zabantu: umoni, ilungu elidikidiki lecawe, nabaNyuliweyo (ababiziweyo bakhutshwa); amaSodoma, namaLothe, nabaka-Abraham (ababiziweyo bakhutshelwa ngaphandle kwehlabathi). AmaSodoma amkela abalungiseleli ababini kunye nomyalezo omkhulu. Kwaye iqela lika-Abraham lamkela umqondiso, kwaye umqondiso wawuyiNdoda enothuli ezimpahleni zaYo, Eyayimazi u-Abraham, ekubeni ingongaziwayo; yamazi umfazi wakhe, uSarah, ukuba igama lakhe lalingubani na; kwaye, yaxelela u-Abraham, ngomqolo waYo ufulathele intente apho uSara wayekho, "Uhlekele ntoni na?" Owu Thixo, langa ibandla lingavuka kwaye libone! Njengokuba uYesu wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, ke kuya kuba njalo ekufikeni koNyana womntu." Kwaloo Thixo mnye uya kubonakala ekwinyama yeBandla Lakhe, kwaye uya kubonakalisa kwaloo mqondiso mnye. Siphe oko, Nkosi, kwakho ngobu busuku. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda

Ngoku nje Mnquleni kamnandi kuMoya.

Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini waseKhalvari.

117 Owu, emveni komyalezo, awuziva ukhuhliwe? Nje uMoya oyiNgcwele nje ucoca intliziyo yakho kuko konke ukungakholwa, ukubuyisela kanye endleleni kunye noThixo kwakho. Owu, ngoku lixesha lokuMnqula. Umyalezo uphelile, ke masiMnquleni kube kanye kwakho kule ngoma, njengokuba sicula *uNdiya Mthanda*. Wonke umntu, nje ngokuzolileyo nangokumnandi ngoku. Vala amehlo akho kwaye nje ukhangele ngamehlo akho okomoya ubhekise kuYe, ubone into Awayenzela laa mhlolokazi. Uyathandeka kuYe njengalaa mhlolokazi, Ubugcinile ubomi bakho, kananjalo. Ingaba aniMthandi na?

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini waseKhalvari.

UGqirha omkhulu ngoku ukufuphi,
UYesu onovelwano;
Uthetha nentliziyo edakumbileyo ukuba igcobe,

Alikho elinye igama ngaphandle koYesu.

Elona nqaku limnandi kwingoma yeserafi,
Elona Gama limnandi kulwimi lomntu ofayo,
Eyona ngoma imnandi eyakha yaculwa,
Owu, Yesu, Yesu oxabisekileyo.

118 Ngelithuba esayifaka kwisingqi kwi-organi, ngokuthambileyo. [UMzalwana uBranham ungqumshela *Ugqirha Omkhulu*—Mhl.] Xana ndisiva loo ngoma, izisa into enye kum. Ngexesha elidlulileyo eFt. Wayne, e-Indiana, kwakukho intombazana encinci yomDunkard eyayihleli, idlala ipiyano. YayingengomPentekoste, kodwa yayineenwele ezinde ezintle zenziwe ngasemva. Kwaye ndandiza kuthandazela abagulayo, kwaye owokuqala emgceni yayiyinkwenkwe encinci, yayisisiqhwala, ingxaki yepoliyo. Kwaye ndathabatha inkwenkwe encinci ukuphuma ezingalweni zikadade, ndaza ndayiphatha inkwenkwe encinci, kwaye ndathi, "Ngenene, uGqirha omkhulu ulapha, wazi iimfihlo zazo zonke iintliziyo."

Kwaye ndathi, "Niya kukholwa oko?" kwisihlwele samawaka aliqela abantu.

119 "Ewe," bonke babe yikholelwa lonto. Kodwa babeluhlobo lokuzibamba, yayibubusuku bokuqala bomhlangano, kwaye babe. . .uMyalezo wawunzima kubo ukuba bawuqonde.

120 Kwaye ndathi, "Ingaba niya kholwa ukuba iNkosi uYesu ingandixelela ukuba le nkwenkwe incinci ingubani na, nokuba ngubani igama layo? Ingaba niya kukholwa? Ingaba leyo iya kube ikwa yiloo Ngelosi inye eyahlangana no-Abraham, leyo eyayisazi oko uSarah. . .Ingaba iya kube ikwanguloo Yesu mnye owamaziyo uNathaniyeli xana wezayo, owamaziyo uPetros kwaye wambiza ngegama, Waxelela umfazi equleni, nazo zonke ezi zinto? Ingaba lowo iya kube ikwanguloo Yesu mnye?" Bonke baphakamisa izandla zabo, babecinga ukuba iya kuba njalo.

121 Kwaye uMoya oyiNgcwele waqalisa ukutyhila oku. Kwaye, xana Wenza oko, inkwenkwe encinci yatsiba isuka ezingalweni zam, yabaleka yehla yaza yatsiba isuka eqongeni. Umama wafa isiqaqa esitulweni ehleli kanye phambi kwenkwenkwe encinci. Kwaye inkwenkwe encinci ibaleka ukunyuka nokwehla. Intombazana yom-Amish, okanye umDunkard yayinguye, idlala ipiyano, yajika yamhlophe ngenene, yatsibela phezulu e—embindini womhlangano, zaza iinwele zayo zawela phezu komqolo wayo. Yayinxibe ilokhwe emhlophe. Yakhangeleka ngokungathi yingelosi. Yaze yaqalisa ukucula oko ngeelwimi ezingaziwayo. Kwaye, xana yakwenzayo oko, ipiyano ayizange yaphosa nenqaku, idlala:

UGqirha omkhulu ngoku ukufuphi,
UYesu onovelwano;
Uthetha neentliziyo ezidakumbileyo zigcobe,
Alikho elinye igama ngaphandle koYesu.

122 Abantu bahlanganisana ezantsi esibingelelweni, kwaye belila kunye nokuwa ezipasejini, kwaye bekhwaza "Thixo yiba nenceba kum!" Owu, onjani wona umhlangano owawukho phaya!

123 Laa Gqirha mkhulu nangoku uselapha. Akazange asilele. Akanakuze abe nokusilela. Ngoku, bangaphi apha abakholwayo koko, ngokundilisekileyo, ngentliziyo yenu yonke, kwaye nilapha ngobu busuku ngolindelo lokuba niphiliswe ngamandla kaThixo?

124 Ukuba kukho nawuphi umntu esakhiweni endimaziyo, ngaphandle kwaba kanye apha, la makhwenkwe ahleli apha, amathathu awo lawo endathetha kuwo ngenye imini kudliwano ndlebe, avela e-Arkansas; uMzalwana uPat Tyler, lowo ongumgulukudu oguqukileyo; uMzalwana uWilliams ohleli kanye phaya; kwaye kangangoko ndinako . . . kunye noMzalwana uGene Goad, umhlobo wam, ohleli kanye apha. Kwaye ndiyaqikelela ukuba ngabo kuphela esakhiweni abo endibaziyo ngeli xesha, kodwa kwelicala ndiyabazi aba bantu abahleli apha.

125 Ngoku, ndakhe ndema neKoran kwesinye isandla, kunye neBhayibhile kwesinye, phambi kwekhulu lamawaka, kwaye ndisithi "enye kufanele ukuba ilungile, kwaye enye ayilunganga." Kwaye inkolo yobuKristu yiyo kuphela phakathi kwazo zonke iinkolo; kwaye iFull Gospel lilo kuphela iqela phakathi kwawo elo elinokungqina ukuba uYesu Kristu usaphila. Bonke abanye banemfundo yezakwalizwi, kwaye baya kukuxelela malunga nayo, "Sinayo nje kangako inzululwazi yengqondo." AmaMohammedi athi, "Sinayo nje kangako inzululwazi yengqondo. Singakhwaza nje kakhulu kangako phezu komprofeti wethu njengokuba ninako phezu koYesu wenu. Kodwa umprofeti wethu akazange asithembise kwanto. UYesu wenu wanithembisa ukuba Uya kuvuka kwabafileyo, kwaye izinto ezo Awazenzayo niya kuzenza nani ngokuba Ubeya kuphila kuni. Ngoku nithi umprofeti wethu ufile, phandle phaya engcwabeni, kwaye ninoYesu ovukileyo. MasiMbone esenza." Baya kubeka . . . musa . . .

126 Ungadlala apha ekuhlaleni nabathile baba befundisi bezakwalizwi, kumagama athile esiGrike okanye into ethile leyo nonke enididekileyo ngayo ngokwenu, kodwa ungakhe uzame ukuyizisa kumanqam nabathile babo bantu. Kungcono ubenayo loo nto uthetha ngayo. Kwaye kuya kuba ngcono wazi. Eso sisizathu sokuba kube nzima ukufumana iimishinari ngaphaya. Bayayazi loo nto abathetha ngayo. Kwaye kuya kuba ngcono wazi, kuba baya kufuna ukuba uyenze lonto.

127 Kodwa ndinombulelo kakhulu ngobu busuku, ukwazi, zihlobo, ukuba uYesu wethu naso sonke isithembiso eso Awasenzayo siyiNyaniso. Ukuba bendinokuphilisa nabani na

apha, bendiya kuyenza lonto; ukuba bendingena kuyenza, bendiya kuba ngumhanahanisi. Kodwa andikwazi. Kodwa uThixo unike isipho ebandleni, eso Awasithembisayo.

128 Ukuba ngemihla kaLuther, saphila ngokugwetyelwa. Ngemihla kaWesley, saphila ngongcwaliso, ibandla laba linani elincinci. Ngemihla yePentekoste, siye saphila ukuhla ngoBhaptizo loMoya oyiNgcwele kunye nokubuyiselwa kwezibabalo. Ngoku ngokwenene sikwinani elincinci, ukubuya koNyana kaThixo. *Apha* bakholwa ngokholo; *apha* bakhwaza phantsi kongcwaliso; *apha* bathetha ngeelwimi njengesibabalo; kodwa *ngoku* okungekuko kunye nokukuko, kunye no—nochochoyi lusiza kwiphiramidi, kwaye lixesha lesiphelo, xana uKristu nebandla Lakhe befana kakhulu bade babize abafileyo ukuphuma kumaWisile, amaLuthere, kunye nabo bonke emva phaya, kwaye kuya kubakho uvuko. Abo abathi balala ngowokuqala, owesibini, owesithathu, owesine, owesihlanu, owesithandathu, kunye nomlindo wesixhenxe, baya kuvuka ngolunye lwezi ntsuku, ukuya kuhlangabeza uYesu ezibhakabhakeni. Iyure sele ifikile, zihlobo, ukuBuya kweNkosi kusondele.

129 Sikhangela eYerusalem kwaye sibone ukuba amaYuda amfanyekiswa ngenxa yethu. Umthi womkhiwane uvelisa amahlumelo awo. Wathi, "Kunye neminye imithi." UBilly Graham uye wabangela i—imvuselelo phakathi kwabantu abaqhelekileyo. U-Oral Roberts ubangele imvuselelo phakathi kwamaPentekoste. Kwaye ngoku uYesu, uNyana kaThixo, uye wangena kule ntsalela, ukuze atsale abantu kwilitye leNtloko, ukubuyisela uNyana kaThixo, ukugqibezela into yokuBuya kweNkosi uYesu. Wathi, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yaseSodom, ke kuya kuba njalo ekuBuyeni koNyana womntu."

130 Ndiya kunifulathela, hayi nje ukuze nibone. Ngoku, khumbulani, yayingeyondoda. Indoda eyayihleli phaya nje yaye iyicalcium, ipotashi, nepetroliyam, ishumi elinesithandathu leziqalelo zehlabathi ezo uThixo wathi, "Phew!" wazivuthela kunye waza wangena kuzo waphila.

131 UYesu Kristu waye kwa yinto enye. Waye nguNyana kaThixo. Waye nguThixo ebonakaliswe enyameni, kodwa inyama yakhe yayingumntu, uMoya Wakhe wawunguThixo. Ngoko Wathembisa ngemihla yokugqibela ukuba Uyakuza eBandleni Lakhe. "Kuselixeshana ukuze ihlabathi lingabi saNdibona kwakho; nangoko niya kuNdibona, kuba Ndiya kuba nani, nkqu nakuni. Imisebenzi leyo eNdiyenzayo niya kuyenza nani." Yabona? Ngoku laa Gqirha omkhulu ulapha.

132 Wathi, ngoku, "Umqondiso weSodom kunye neGomora." Ngoku, yintoni lonto? Khangela emaphepheni ethu, "Amadoda athandanayo, ukugqwetheka, kuse kwandeni kwamashumi amane eepesenti ngaphaya kweminyaka elishumi eyadlulayo."

Iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo, zonke iintlobo zemiqondiso yokuBuya. Icawe isiwa, ixesha lesiphelo apha.

133 Ngoku uThixo ubonisa imiqondiso Yakhe, kananjalo, njengokuba besishumayela ngaso. Ngoku, ukuba le Bhayibhile iyinyani, ntoleyo Iyiyo, ndikulungele ukufela loo njongo. IBhayibhile iyinyani. UYesu Kristu uyaphila. SiliBandla Lakhe, elizaliswe nguMoya Wakhe, ngoko uBomi Bakhe kuthi buya kuvelisa kwa obo Bomi bunye obo Wabuphilayo kuNyana kaThixo, ukuba uMoya oyiNgcwele—uMoya oyiNgcwele kaThixo uphila kuthi.

134 Ngenxa yozuko lukaThixo nangenxa yebandla, nangenxa yokugula kwakho, wena ugulayo noxhwalekileyo, chukumisa umqukumbelo wengubo Yakhe uze ubone ukuba unokuMbangela ukuba athethe ngam, njengomkhonzi Wakhe, akubize njengoko Wenzayo kumfazi lowo owachukumisa ingubo Yakhe. Yanga iNkosi ingasipha oko. Ingaba lonto iya kwenza ukuba ukholwe kakhulu, kwaye wamkele impiliso yakho? Bangaphi abakholwayo ukuba bangayamkela impiliso yabo ukuba uThixo uya kunibiza ngolo hlobo, okanye uMbone ebiza? Phakamisa isandla sakho. INkosi ikuphe oko.

Gcina loo *Gqirha Omkhulu* edlala, uya kwenza njalo? Ndiziva ndikhokelwa ukuba ndenze oko.

135 Ndiya kujikela kubahlobo bam apha ngobu busuku kwakho, nje ukuba ndikhangele kuni. Bazalwana, andizami . . . kuni . . . uThixo ulingqina lam, Mzalwana uDavid. Kanye njengokuba ngokuqinisekileyo ndiye ndayenza yacaca ngokwaneleyo ebantwini, ukuba, akundim. Andinanto yakwenza nalonto. Mna nje . . . UThixo kwafuneka ukuba asebenzise umntu othile. Yena . . . Kwaye akukho zandla zifanelekileyo, kodwa uThixo uzenza zifaneleke. Yabona, Wa—Wa—Wanyula kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi, injongo Yakhe kukuba yenziwe, kwaye kumele yenziwe, imelwe kukuba iphunyezwe.

136 IBandla liya kuba phaya, ngaphandle kwebala okanye umbimbi. Ubabalo lukaThixo luya kukwenza oko. Luya kunyanzeleka ukwenza njalo, kuya kuthabatha ubabalo. Njengokuba Wathethayo ku-Abraham, xana uSara waMthandabuza. Ke, kanye ngoko ngeWayebulele; ngeWayebulele uSarah kanye ngoko ngenxa yokuthandabuza, ’kuba eso sesona sono sibi sikhoyo, kukungakholwa, kwaye ekuphela kwesono. Kwaye wathandabuza waza wahleka ngaphakathi kwakhe xana iNgelosi yamcalula ententeni. Ingaba oko kunjalo? Kodwa kutheni Engazange amthabathe uSarah? Ngokuba waye eyinxalenye ka-Abraham, kwakuya kunyanzeleka ukuba athabathe u-Abraham, kananjalo. Kwaye siyinxalenye kaYesu xana siseMzimbeni kaKristu. Ukungakholwa kwethu kuyaxolelwa ukuba sikwenze ngokungazi njengoko yena wenzayo, kuba waye soyika.

137 Ingaba niyakholwa ukuba into ethile iya bonakala eqongeni? Owu, ndiqwenela ukuba bendiya kukucacisa oku. Kufuneka ndijike. Ndibona umfazi lowo uthukuthezelwa lulusu, uMchukumisile. Kuya kukuyeka, kuba kukuKhanya konke okukungqongileyo. "Ukuba ungaba nokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka." Ngoku kholwa.

138 Ukuze ube nokubona ukuba akuyiyo inzululwazi yengqondo, ukufunda ingqondo yakho, ndiya kufulathelisa umqolo wam kuni. Kuthini malunga phezulu *neli* candelo? Oku kwenziwa ngaxesha lithile kwi-Angeles Temple, dade. Mzalwana uDavid, uya khumbula. Ngoku nje ndi. . . ukuze ube nokubona, ndithetha kuwe, oko kubonisa ukuba andinanxibelelwano nabantu phaya. Ngokuqinisekileyo u—uyaqond-. . .Ndiyazi ukuba uyaqonda. Yabona? Kodwa ndicela ubabalo lukaThixo ukuba lwenze into ethile leyo abantu abanokuthi bayazi.

139 Ewe, ndibona umntu oselula, intombazana encinci. Isuka kude nalapha, ayiyoyalapha kweli lizwe. Isuka kwilizwe elo linemvula kwaye linemithi emininzi kunye nobulembu, isuka e-Oregon. Inengxaki yokuxhuzula. Ihlali phandle phaya. Ingaba uyakholwa ukuba uYesu Kristu uya kukuphilisa? Ingaba niya kuyamkela ngenxa yayo? Phakama, dade. Hamba uye ekhaya, kwaye ndiya mkhalimela umtyholi. Ingaba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Kulungile.

140 Embindini wepaseji apha, umntu othile unokholo. Musa ukuthandabuza. Ndiya kuthetha kuwe, Mzalwana uSchultz, ukuze ubone ukuba ndithetha kuwe. Ndivumela umntu othile phaya. . .Akukho makhadi omthandazo ke nje—nje kulula ngoko, ukuba singanyusi nabani na, kodwa ukuze babe nokubona.

141 Ewe, kukho umfazi obubhitya, unomhlaza. Ubelindeleke esibhedlele namhlanje. Uhleli ngaphambili apha, uluhlobo lomfazi obhityileyo. Igama lakhe nguNkosazana uPeterson. Yabona? Kulungile, nenekazi, yiba nokholo kuThixo. Wanga uThixo weZulu angabulala laa mtyholi ade angabi nakubonwa nkqu nangubani na ongomnye. Ingaba uya kholwa kuNyana kaThixo? Ingaba uMkholwa ngentliziyo yakho yonke? Nje yiba nokholo kuYe, oko kukuphela kwento omelwe kukuyenza. Kulungile.

142 Nonke nikulungele ukukholwa ngapha *kweli* cala? Makhe ndithethe kulo mlungiseleli apha. Ingaba uya kholwa ngentliziyo yakho yonke? Ndiyathemba ukuba umntu othile ngaphaya uyakholwa, naye. Uh-hum. Ukuze ube nokwazi ukuba ndithetha kuwe. Kodwa bona amandla kaThixo egubungela zonke izinto zengqondo, engena kumoya wommango. . .ummango womoya.

143 Ewe, emva kwam ngu—ngumfazi, kwaye akazi ukuba yintoni na ingxaki ngaye. Yena ngu. . .Owu, laa mfazi ulusizana!

Unolunye, amabini, amathathu, amane, amahlanu amatyando. Abazi ukuba yintoni na. Oogqirha abazi ukuba yintoni na. Uye wathunyelwa apha e-Arizona ukwenzela ukuphumla. Uvela eLouisiana, igama lakhe nguNksk. UPearson. Kulungile, Nkosk. UPearson, ndaweni ithile emva kwam, phakama, ndikhangele. Ingaba uyakholwa ukuba ndingumprofeti kaThixo? Andikwazi. Ukuba oko kunjalo, wangawangisa isandla sakho. Si—singabangaziwayo omnye komnye. Loo nto eyeyathethwa iyinyani. Ingaba oko kunjalo? Oogqirha abazi ukuba yintoni ingxaki ngawe. Yimithambo luvo yakho. Zola ngokwenene, yiba nokholo, kwaye uyakuya ekhaya uphilile. Yiba nokholo kuThixo! Ingaba uyakholwa na ukuba uNyana kaThixo wavuka kwakho?

144 Ngoku, kuthini malunga nomntu othile *kweli* candelo? Nonke nikulungele ukukholwa emva apha? Pat, ingaba uyavuya ngokuba ungumKristu? Ingaba akumangalisi na ukuphuma kubomi obo owawubuphila, kwaye waba ngumKristu?

145 Nali inenekazi. Ngumfazi, indoda, kunye nomntwana. inenekazi linxibelelana noThixo. Lisemva kwam. Kwaye linengxaki yohlobo oluthile lwesisu, kwaye li—liba nobuthathaka emveni koko. Alilolalapha, kananjalo, lisuka elizweni elibuntlango, kodwa livela eKansas. Umyeni walo ungumlungiseleli. Elo lilo elihleli kanye phaya. Andikwazi. Ukuba oko kunjalo, nenekazi, wangawangisa izandla zakho ngolu *hlobo*. Kulungile, mhlekazi. Kulungile, yiya ekhaya, kholwa kwiNkosi uYesu Kristu kwaye uphile. Ingaba uya kholwa na eNkosini?

146 Kumacala onke esakhiwo ngoku, ingaba niya kholwa eNkosini? Ngokuqinisekileyo, Ulapha! UYesu Kristu, ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Kwaloo Thixo mnye owaye nokubonisa u-Eliya apho laa mfazi womhlolokazi wayekho, kwaloo Thixo mnye unokundibonisa apho ukhoyo, uhleli, uthandaza, ngokuba unguMoya kaYesu Kristu, ikwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ingaba niya wukholelwa? Makhe wonke umntu olapha abeke izandla omnye komnye ngelithuba ndinithandazela ngokubanzi, kanye apha, kwaye nikholwe, ukuze nazi ukuba nifumene into ethile kuyo, ngamnye wenu. Ningamakholwa, aningawo? Ukuba ningawo, yithini "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] KuBukho bukaThixo, kubungqina obungenakusilela bovuko lukaYesu Kristu, bekani izandla omnye komnye kwaye nithandazelane.

147 Bawo wethu waseZulwini, ndisinikela kuWe esi sihlwele silindileyo. Banga bonke aba bantu baguqukileyo ezonweni zabo bangafumana ikhaya elilungileyo lebandla. Banga abo, Nkosi, bagulayo bangaphiliswa. Anga amandla kaSathana angophuka, phezu kobomi babo kanye ngoku, njengokuba ndikhalimela umtyholi kwaye ndicela ukuba aMandla kaYesu Kristu eze phezu kwesi sihlwele aze athabathe sonke isigulo, sonke isifo,

konke ukuxhwaleka, konke ukuthandabuza. Zisuse kubo, Nkosi, kwaye ubaphilise. EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, ndiya kucela oko.

